

Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English / isiXhosa

April 2020 Edition 2



Your
labour
rights

Page 12



Support
for school
learners
during
lockdown

Page 11

Stay at home, save South Africa!



In the coming days and weeks, 10 000 Community Health Care Workers will be deployed across the country to conduct door-to-door screening in our most vulnerable communities

More Matshediso

The novel coronavirus (COVID-19) outbreak has claimed thousands of lives and turned the world upside down.

South Africa has not been spared, with its infection rate growing.

Government initially imposed restrictions to enforce social distancing but as the infections spread, a national lockdown was announced by President Cyril Ramaphosa and came into effect on 26 March.

He highlighted that never before in the history of South Africa's democracy has the country been confronted with such a severe situation.

The President said the nationwide lockdown was a necessary move to contain the spread of COVID-19 and 'flatten the curve' in South Africa.

• Cont page 2



To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:



Search for SA Government on Google playstore or appstore

CONTACT US

Website: www.gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za

Tshedimosetso House:
1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083



Vuk'uzenzele



@VukuzenzeleNews

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za
Tel: (+27) 12 473 0353

FREE COPY NOT FOR SALE



Sikunye singayoyisa i-COVID-19

Ngexesha lokuphela kweveki yokuqala yokuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile kwesizwe jikelele ukuthintela ubhubhane wentsholongwane ye-corona etshabalalisa ihlabathi, siye saba novuyo zindaba ezmansi nezisiphathelie ulonwabo nethemba ngeli xesha linzima kangaka lokungaquiniseki.

Abemi boMzantsi Afrika abafuduswa e-Wuhan, e-China kwiiveki eziliqela ezidlulileyo, balugqibile uvaleko lwabo baza badityanisa neentsapho zabo. Bonke bafumanekе bengenayo intsholongwane kuvavanyo kwaye basempilweni entle nomoya omhle.

Ibe ziinyanga bevaleleke phantsi kwemiqathango ethile, ekuqaleni bavaleleka e-Wuhan iintsuku ezingama-51 emva koko ePolokwane iintsuku ezili-14. Bebengakwazi ukuba kunye neentsapho nezalamane zabo, bengakwazi ukuphuma kwiindawo abahlala kuzo kwaye bengaquinisekanga ukuba le nzima bakuyo yoze iphele kusini na. Xa sidibana nezi ntsuku zili-17 ziseleyo uMzantsi Afrika useza kuba phantsi kokuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile ngazo, baza kuba bephantsi kokuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile iintsuku ezingama-82.

Kube mnandi ukuchitha ixesha neli qela lohlukileyo labemi boMzantsi Afrika abaminya-ka yahlukileyo, abalwimi ngeelwimi nabaneemvelaphi ezahlukileyo. Ndibe nemincili kukuzimisela nokuba nesibindi kwabo nokuzimisela kwabo ukuhlala besempilweni. Bavela kumbindi apho le ntsholongwane ye-corona iqhambuke khona e-Wuhan, e-China kwaye baybonile indlela etshabalalisa ngayo le ntsholongwane ne-bhuqe ngayo ubomi babantu.



Akumangalisi ukubeva besithi bakwiphulo lokukhusela iimpilo zabo babangqongileyo. Ngoku umonde nobukhalipa babo buye bawongwa, kuba babuyela kwiintsapho zabo.

Ukubuyela kwabo emakhaya kuye kwenziwa kwayimpu-melelo ngabantu abaninzi ababalaseleyo abaye bazinikela ngandlela zonke ukwenza umsebenzi wokubuyiselwa kwa-bo emakhaya ube yimpumelelo.

Njengesizwe, sizele yimbulelo emikhulu kurhulumente na-kubantu base-China ngokuniqa abemi belizwe lethu inkathalelo enkulu nentle kangaka, noncedo lwabo lokuququzelala ukubuyiselwa kwabo ekhaya. Kubalulekile ukupaphela ukuba abemi boMzantsi Afrika abaliqela abase-Wuhan bebeye khona ngenxaso-mali yokufunda abayifumene kurhulumente wase-China; esi sisenso sesisa nesobuntu esisibulela kakhulu.

Sinombulelo kakhulu kubo bonke abo bantu bathe baththa inxaxheba kulo msebenzi, ukususela kwiqela labasebenzi beNkampani yeHambo zoMoya yaseMzantsi Afrika (i-SAA) ukuya kwiqela lezon-yango, kumapolisa namajoni athe ababuyisela ekhaya. Umntu ngamnye kubo uye wazigqatsela ukuthatha uxanduva lokhuseleko nokuphila kwabanye. Bebekulungele

ukwenza umsebenzi onzima nonobungozi baze bazifaka kwimeko yokuvalelwa. Kwaye ngoku, bebonke bandixeleta ukuba, bakulungele ukwenza umsebenzi wabo olandelayo.

Ndinqwelenela ukubulela abasebenzi nabaphathi be-Ranch Hotel, ePolokwane, nabathe banika abo babuyela ekhaya inkathalelo entle. Bebekulungele ukudlala eyabo indima kwilinge lethu lesizwe lokusoyisa esi sifo. Umntu ngamnye obebandakanyeka kulo msebenzi, uwenze uMzantsi Afrika wakwazi ukizingca.

Amava abemi boMzantsi Afrika abadlule kuwo e-Wuhan abonakalisa ukusebenza kunye-nemfuneko- yokuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile. Oku kwenzeke ngenxa yaman-yathelo angqongqo athathwe ngurhulumente wase-China ukunqanda ukunwenwa kwe-si sifo kwisixeko sase-Wuhan, ukuba bonke abantu bakuthi bakwazi ukubuyela ekhaya bengosulelekanga kwaye besempilweni.

I-Wuhan, esisixeko esinabantu abazigidi ezi-11 kwiphondo lase-Hubei, inabantu abangaphezu kwamawaka angama-50 abosulelekileyo. Ngoku, emva kwexesa elingaphezu kweenyanga ezimbini emva kokumisela kwamanyathelo angqongqo okuveleka phantsi

kwemiqathango ethile, eliphondo libe neemeko ezi-ntsha zosuleleko ezingaphantsi kwama-20 kwezi veki zimbini zidlulileyo.

Ukunqandwa kwesi sifo ukuba singanwenwi kwiSix-eko sase-Wuhan, kwiPhondo le-Hubei nakwezinye iindawo kwelase-China kuye kwafunisa ilinge eliqua wonke umntu nelithe chatha ukungaheleki. Kuquka nemiqathango engqongqo kubomi bemihla ngemihla kwaye oku kuye kwanempembelelo engekhnkle kuqoqosho lwase-China. Amanye amazwe athe athatha amanyathelo afanayo, aba nempu-melelo enkulu ekulawuleni ukunwenwa kwe-si sifo kuna-lawo aye acotha ukusihoya.

Njengokuba inani elinqini-weyo elipheleleyo leemeko ze-COVID-19 ehlabathini jikelele likhula ngaphezulu kwamawaka angama-700 libe lona elokusweleka likhule langaphezulu kwamawaka angama-33, kuhona esinokukufunda kula mazwe.

Ngoku kucaca elubala ukuba eyona ndlela isebezayo kulu-nu yokuthintela ukunwenwa kwe-si sifo, kukuba abantu bahlale emakhayeni abo baze bahlale ngokwahlukenyero omnye komnye isithuba esingangeeveki eziliqela. Kwaye kubalulekile ukuba oku kuvaleleka

phantasi kwemiqathango ethile kunye nawo onke amanye amanyathelo angxamisekileyo athotyelwe ngqongqo kwaye anyanzeliswe ngokungagungqiyo.

Njengoko abemi boMzantsi Afrika abavela e-Wuhan benokuyingqina eyokuba, imiqathango ekumila kunje kubomi bemihla ngemihla, kwiintshukumo nokunxulumana koluntu ngokwesiqhelo kunzima kakhulu ukuyinyamezela. Ngokomxholo woMzantsi Afrika, ukuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile kuzisa intsokolo eyongezelekileyo neenzima, kwaye senza konke okusemandleni ukunciphisa impembelelo yayo kabantu bakuthi.

Kodwa isifundo esivela kubemi baseMzantsi Afrika abasuka e-Wuhan sesokuba ukuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile kuyasebenza. Sibonakalisa okokuba ukuba siyithobela ngqongqo imiqathango emiselweyo ukunkanda ukunwenwa kwale ntsholongwane, singakwazi ukulehlisa izinga losuleleko. Oku kubonakalisa okokuba ukuba siyabebenisana nabasemagunyeni kwezempiro ngokwenza oko sifanele ukukwenza, asizoku-ba sisindisa nje ubomi bethu kuphela kodwa siya kusindisa nobomi babo basinqongileyo.

Eli bali labemi boMzantsi Afrika ababuya e-Wuhan kufuneka lisinike inkuthazo nethemba kwezi veki zinzima sisajongene nazo ukuya phambili.

Ibali labo lisixeleta ukuba likhona ithembu emva kwabo bonke obu bunzima, okokuba sihlala siyithobela imigaqo, okokuba sihlala sinembeko sikuholipha ukuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile, okokuba siyasebenisana, siza kuphumelela.

Ukuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile



Wonke umntu uya kuvalelwa kwindawo ahlala kuyo ngaphandle kokuba kulindeleke ukuba ayokwenza umsebenzi ongundoqo, ayokuthenga iimveliso ezingundoqo namayeza, ayokulanda granti okanye uyokufuna uncedo olungxamisekileyo, inkathalelo yokusindisa ubomi okanye inkathalelo yoncedo lwezonyango lwesigulo esinganyangekiyo.



Zonke iindibano azivumelekanga, ngaphandle kwemingcwabo, nayo akuvumelekanga ukuba ibe nabantu abangaphezu **kwama-50**. Ukuhamba phakathi kwamaphondo, izixeko nezithili akuvumelekanga.




Ukuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile kwesizwe jikelele kuza kuthatha iintsuku ezingama-21 ukususela ngentsimbi yama-23h59 ngomhla wama-26 kweyoKwindla ukuya kwintsimbi yama-23h59 ngomhla we-16 ku Tshazimpuzi.



Onke amashishini namanye amaqumrhu aza kuyeka ukusebenza ngaphandle kokuba abandakanya ekuveliseni, ekuhambiseni okanye ekuboneleleni ngeemveliso okanye iinkonzo ezingundoqo.

ile




Zonke iindawo zokukhonzela, iipaka zoluntu, amanxweme, amachibi okuqubha, iindawo zolonwabo ezivala ngeentseni, iindawo zobugcisa, imizi yemidlalo-bhanyabhanya kunye neendawo zokungcakaza ziza kuvalwa kuluntu lonke.



Zonke iihotele, iindawo zoluahlala iindwendwe kunye nemizi yeendwendwe izi kuvalwa ngaphandle kokuba kufanele igcine abakhenkethi abangenazo ezinye iindawo zokuhlala kweli lizwe, okanye ukuba zisetyenziswa njengendawo yokuvalela nokugcina ekuhusini.



Naziphi na iindawo apho kudla ngokubanjela khona imisebenzi yezenkolo, yezenkcubeko, yezemidlalo, yokonwabiso, yezelonwabo okanye imisebenzi efana nayo ziza kuvalwa kuluntu.



REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Inkaso ka-WhatsApp
0600 123 456
Inombolo kaxakeka
0800 029 999
sacoronavirus.co.za

Ukuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile kwesizwe jikelele kuza kuthatha iintsuku ezingama-21ukususela ngentsimbi yama-23h59 ngomhla wama-26 kweyoKwindla ukuya kwintsimbi yama-23h59 ngomhla we-16 kuTshazimpuzi.

